

# Unonophelo lwexeshana kwiCOVID-19 olungenzelwa ekhaya

**Musa ukoyika.** Abantu abaninzi abaneCOVID-19 ababonakalisi zimpawu zixhalabisayo baze ke banganyangelwa sibhedlele, koko banonotshelwe ngokukhuselekileyo bengaphandle. Isizathu sokuba usoloko ucelwa ukuba uhlale kwiziko elithile kungenxa yokuba ungenalo igumbi elilodwa ongahlaliswa kulo ekhaya okanye xa kungakhuselekanga ukwenza oko. URhulumente weNtshona Koloni noomasipala babonelela ngamaziko afanelekileyo kwanakhuselekileyo apha banokususwa kwiintsapho zabo de kube kukhuselekile ukubuyela ekhaya.

## Amaziko exeshana alungiselelwwe iCOVID-19:

- **Ii-Isolation facilities** zilungiselelw abantu abaneempawu ezingaxhalabisyo noko apha banokuchachela khona kwiCOVID-19 (umlinganiselo weentsuku ezili-10)
- **Izibhedlele** – ezilungiselelw abantu abaneempawu ezendeleyo zosuleleko
- **I-Transitional facilities** ngamaziko alungiselelw abantu abaneempawu ezendeleyo zosuleleko (umlinganiselo weentsuku ezili-10)
- **Amaziko okukhwarantina exesha elide** alungiselwe abantu abebekhe badibana nabantu abanale ntsholongwane (iintsuku ezisixhenxe ukuya kwezilishumi elinesine/7-14)

Kubalulekile ukuba bonke abantu abasuleleke yiCOVID-19 bahlaliswe bodwa ukunciphisa amathuba okunwenwa kwentsholongwane.


Abantu ekuqinisekisiweyo ukuba baneCOVID-19 baya kusiwa kumaziko ohlukaneyo. Abantu abalindele

ukuvavanyelwa intsholongwane nabo bebekhe basondelelana nomntu onale ntsholongwane bangangeniswa kwiziko elinye kodwa abayi kubekwa kwindawo enye.


**I-Isolation** kuxa umntu kuqinisekisiwe ukuba uneCOVID-19 esuswa kwabanye abekwe yedwa.  
**Ukukhwarantinwa** kuxa umntu ongenayo iCOVID-19 kodwa obekhe wasondelelana nomntu ohlaliswe yedwa; okanye osalindele iziphumo.



Ukwahlulwa kusapho lwakho yinto enzima, kodwa kukwayimfuneko ukuthintela ukunwenwa kwentsholongwane isulele izizalwane zakho noluntu. Ugqirha neenkonzo zentlalo ziya kukucebisa ngezinto eziluncedo ekufumaneni unonophelo kude ekhaya.



IHotline yeCOVID-19 kaRhulumente waseNtshona Koloni **021 928 4102** okanye **080 928 4102** (tollfree)  
iNational WhatsApp: **0600 123 456**



URhulumente  
weNtshona Koloni

**HLALA UKHUSELEKILE.**  
**SINDISA UBOMI BABANTU.**

# Mandize nantoni?

Eli lixesha elingathi kuxa uthatha uhambo lwexeshana



Iipijama nempahla ezilaneleyo ixesha oza kulihlala apho.


Izinekhi nezinto ozithandayo ezimnandi



Iitawuli ezinkulu neyobuso nesepha



Ifowuni netshaja




Amayeza akho esigulo esingapheliyo



Iincwadi, iiimagazini okanye izinto zokwenza ubugcisa bezandla/ikhrafti (umz. ukunitha, ukuthunga, ukukrola ukhuni)

Umqamelo okanye ingubo oyithandayo



Uyacelwa uzishiye ekhaya izinto zakho ezixabisekileyo

Into eya kukhumbuza izizalwane zakho, umz, ifoto yosapho



## Mandilindele ntoni?

- Ukuthuthwa ukuya nokubuya kwiziko
- Igumbi nendlela yokufukelela kwigumbi langasese
- Ukufumana izidlo ngokwesiqhelo
- Ukuqwalasela nokuzixela iimpawu ezibonakalayo
- Ukuncokola nezizalwane zakho usebenzisa ifowuni yakho
- Ukuococa igumbi lakho
- Imiqathango yokukhusela iindwendwe nabasebenzi, umz. ezingahlali gumbini linye nawe
- Azivumelekanga iindwendwe
- Abuvumelekanga utywala neziyobisi
- Iingcebiso uzifumana kugqirha okanye kunontlatlontle wakuba ubuyele ekhaya

- IQela lezeMpilo liya kuphonononga ubungakanani bomngcipheko kumzi ngamnye lize licebise ukuba bahlolwe babekwe bodwa abasulelekileyo njengoko kumiselwe.
- Abantwana abancinci abayi kwahlulwa koomama babo okanye kubanonopheli mpilo.
- Abasebenzi bezempilo baya kusebenza kunye neenkokeli zoluntu ukuqinisekisa ukuba ikhaya lakho alphathwa ngendlela engafanelekanga. Zonke izinto ezirhanelekayo ezenza ixhala ziya kuthathelwa ingqalelo enkulu kwaye xa ikho imfuneko abantu ohlala nabo baya kuhlaliswa kwenye indawo kude kube kukhuselekile ukubuyela ekhaya. Uya kwaziswa ngazo zonke iiguqu ezenzekayo.

## Bangalindela ntoni abantu basekhaya?



**HLALA UKHUSELEKILE.  
SINDISA UBOMI BABANTU.**

